Isalathiso: 20170713-2929
13/3/2
Imibuzo: C Abrahams

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lweeMviwo: 0006/2017

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele; kuBalawuli abaziiNtloko; kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili); kumaSekela Balawuli; kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuXhasa iKharityhulam; kuBacebisi ngeZifundo; kuBaphathi beeSekethe; kuBaphathi bezeNgcaciso, uKuphathwa noLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule; kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko; kuBaphathi bokuXhasa aBafundi; kuBaququzeleli boVavanyo nakwiiNtloko zamaziko alungiselela abaviwa iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke

Isihloko: **Iimviwo zeSatifikethi seMatriki sikaZwelonke zangoNovemba 2017: Ukuzaliswa kweemakhishithi ze-*School-Based Assessment (SBA)*, ze-*Practical Assessment Tasks (PAT)* neze-*Language Oral***

1. Le ngcaciso imfutshane mayifundwe kunye ne-*National Policy pertaining to the Conduct, Administration and Management of the National Senior Certificate* Examination, eyayipapashwe njengeZaziso zikaRhulumente 372 no-373 kwiGazethi kaRhulumente, iVolyum 587 No 37652, yowe-16 Meyi 2014, i-*Curriculum Assessment Policy Statements and the Regulations pertaining to the Programme and Promotion Requirements of the National Curriculum Statement.*

2. **Iimakhishithi ze*School-Based Assessment (SBA)*, ze-*Practical Assessment Tasks* (*PAT*) neze-*Language Oral***

2.1 Iimakhishithi eziveliswe ngekhompyutha ze-*SBA*, ze-*PAT* nezeemvavanyo ze-*Language Oral* ziya kusiwa ezikolweni phakathi kwinyanga kaSeptemba 2017. Ezi makhishithi zezi zifundo zilandelayo azisayi kuthunyelwa zikolweni koko ziya kusiwa ngqo kuBacwangcisi bezeKharityhulam aBakhulu kwaNdlunkulu:

Dance Studies	*Design*	*Dramatic Arts*
Electrical Technology	*Mechanical Technology*	*Music*
Trinity Music	*Unisa Music*	*Visual Arts*

2.2 Zisakuba zifunyenwe iimakhishithi, iinqununu maziqinisekise ukuba zizifumene zonke iimakhishithi zezifundo ezifunekayo zezikolo zazo, ekubhalwe kuzo abaviwa besifundo ngasinye, zifunyenwe.

2.3 Kucelwa uqaphele ukuba unikwa ikopi enye kuphela yemakhishithi nganye ukuba izaliswe. Kubaluleke kakhulu ke ngoko ukuba izikolo nabacebisi ngezifundo mabenze iikopi zeemakhishithi emva kokumodareyithwa kwazo yaye bazigcine ezikolweni nakwizithili ukulungiselela iinjongo zeerekhodi.

2.4 Izikolo maziqinisekise ukuba iimakhishithi zizalisiwe yaye ziya kufumaneka xa zifunwa ngabacebisi ngezifundo ngosuku lokumodareyitha. Ootitshala bezifundo mabazalise kuphela amanqaku angekamodareyithwa kwikholam ebhalwe "*Mark*".

2.5 Kuphela kusemva kokumodareyithwa kokugqibela kwesifundo ngasinye, apho kuya kukhutshelwa ngokuchanekileyo amanqaku amodareyithiweyo ngumcebisi ngezifundo kwikholam ebhalwe "*Mod*" kwiimakhishithi ze-*SBA*.

2.6 Ukuba isikolo sifumana kuphela iimakhishithi eziveliswe ngekhompyutha emva kokumodareyithwa kwazo, makwenziwe amalungiselelo afunekayo okuzaliswa nokusayinwa kweemakhishithi ngabacebisi ngezifundo.

3. Ukwabiwa kwamanqaku e-*SBA, e-PAT* nawe-*Language Oral*

3.1 **Kufuneka** abelwe amanqaku umviwa ngamnye onombolo yakhe yoviwo ivelayo kwimakhishithi.

Oku makwenziwe nakubaviwa:
- ababegxothiwe okanye ababenqunyanyiswe okwethutyana esikolweni;
- abenze izicelo zokutshintsha iziko lokubhalela uviwo;
- ababengekho esikolweni ithuba elide apha enyakeni;
- ababengekho ngosuku lokumodareyitha;
- ababhalisele isifundo kwesinye isikolo okanye kwelinye iziko, umz. iziko lobugcisa (*art centre*); okanye
- ababhaliswe njengabaviwa abaphindayo/abangesosigxina.

4. Amanqaku angafakwanga (aBaviwa ababengekho nabo bangenawo amanqaku e-*SBA, e-PAT* nawe-*Language Oral*)

4.1 Ukuba umfundi akayenzanga **ikhomponenti okanye iikhomponenti** ze-*SBA, ze-PAT neze-Language Oral* apha enyakeni, makunikwe **izizathu ezibambekayo (*valid reasons*)**, umfundi makanikwe elinye ithuba lokuvavanywa kwimisebenzi ayinikiweyo okanye, umfundi makathi, kwiiveki ezintathu phambi kokuqala kweemviwo zokuphela konyaka zokugqibela **(ungadlulanga owe-02 Oktobha 2017)** zebakala elichaphazelekayo, angenise umsebenzi obungafakwanga. Apho kungenakwenzeka oku, amanqaku alo khomponethi ye-*SBA,* ye-*PAT,* neye-*Language Oral* **makangathathelwa ngqalelo** aze awona manqaku maninzi, kule meko, abalwe kwakhona kususelwa kwinani eliseleyo lemisebenzi (makujongwe kwiTheyibhile 1).

ITheyibhile 1: **Isizathu esibambekayo** (Iikhomponenti ze-*SBA, ze-PAT neze-Language Oral* yesifundo namanqaku omfundi):

	Ikhompo-nenti 1	**Ikhompo-nenti 2**	**Ikhompo-nenti 3**	**Ikhompo-nenti 4**	**Ikhompo-nenti 5**	**Ikhompo-nenti 6**	**Ikhompo-nenti 7**
Amanqaku aphezulu	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwa-nga (Kunikwe isizathu esibambe-kayo)	16	Ayenziwa-nga (Kunikwe isizathu esibambe-kayo)	20	15	12

Amanqaku e-*SBA* = (4+16+20+15+12)/(5+30+40+40+40)
= 67/155
= 43%

4.1.1 **"Isizathu esibambekayo"** kule meko sibandakanya okulandelayo:

(a) ukugula, okuhamba nephepha likagqirha elisemthethweni, elikhutshwa ngugqirha obhalisiweyo;
(b) izizathu zeemeko zokuba sikho, ezinjengokufa komntu wosapho okufutshane, oko kuxhaswa sisiqinisekiso salowo uswelekileyo;
(c) ukuvela komfundi kwinkundla yezomthetho, ekufuneka ukuba kuxhaswe ngobungqina obubhaliweyo; okanye
(d) naso nasiphi na esinye isizathu esinokwamkelwa njengesisemthethweni yintloko yebhunga elijongene novavanyo okanye lowo ungummeli wakhe.

4.1.2 Ubungqina bezo zizathu zivakalayo mabufakwe kubungqina benkqubo ebhaliweyo yomfundi ngethuba leseshoni yokumodareyitha.

4.2 Ukuba umfundi akaphumeleli ukwenza **ikhomponenti okanye iikhomponenti** ze-*SBA, ze-PAT neze-Language Oral*, **kungekho sizathu sibambekayo**, umfundi uya kunikwa kude kuyokuba ziiveki ezintathu phambi kokuqaliswa koviwo lokugqibela lokuphela konyaka **(kude kuyokuba nge-02 Oktobha 2017)** ukungenisa umsebenzi obungekangeniswa. Ukuba oku akunako ukwenzeka, umfundi makanikwe amanqaku anguziro ("0") ngaloo khomponenti okanye ngezo khomponenti ze-*SBA*, ze-*PAT* neze-*Language Oral*. Ngokwakule meko, amanqaku angawona aphezulu makabalwe njengoko kubhaliweyo apha ngezantsi (makujongwe kwiTheyibhile2).

ITheyibhile 2: **Akukho sizathu sibambekayo** sinikiweyo (iikhomponenti zesifundo ze-*SBA,* ze-*PAT* ne-*Language Oral* namanqaku omfundi):

	Ikhompo-nenti 1	Ikhompo-nenti 2	Ikhompo-nenti 3	Ikhompo-nenti 4	Ikhompo-nenti 5	Ikhompo-nenti 6	Ikhompo-nenti 7
Amanqaku aphezulu	**5**	**5**	**30**	**20**	**40**	**40**	**40**
Umfundi	4	Ayenziwa-nga (akukho sizathu sibambe-kayo sinikiweyo)	16	Ayenziwa-nga (akukho sizathu sibambe-kayo sinikiweyo)	20	15	12

Amanqaku e-*SBA* = (4+0+16+0+20+15+12)/ (5+5+30+20+40+40)
= 67/180
= 37%

4.3 Ukuba **onke amacandelo** anikwa amanqaku anguziro ("0") umfundi uya kufumana amanqaku angaphelelanga, kwaye kufuneka arekhodwe njengongekhoyo.

4.4 Makugxininiswe le mizekelo (*scenarios*) ilandelayo malunga nokuzaliswa kweemakhishithi.

4.4.1 Apho umviwa angakhange ayigqibe **nayiphi na imisebenzi**, kodwa kube kunikwe **isizathu esibambekayo**, faka u-"999" kwimakhishithi. Makunikwe ubungqina besizathu esibambekayo (bezizathu ezibambekayo) kubacebisi ngezifundo ngethuba leseshoni yokumodareyitha.

Okuthethwa ngu-"999":

- Umviwa uya kufumana **iziphumo ezingaphelelanga** (***incomplete result***) nkqu nokuba amanye amaphepha oviwo abhaliwe.
- Umviwa uya kunikwa **iinyanga ezintathu zekhalenda emva kokukhutshwa kweziphumo** ukuba bangenise amanqaku e-*SBA* kunye/okanye i-*PAT* nawe-*Language Oral*. Ezi ziphumo mazingeniswe ngabacebisi ngezifundo kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**30 Matshi 2018**. Ukungaphumeleli ukungenisa amanqaku e-*SBA, e-PAT naweLanguage Oral,* kwiinyanga ezintathu emva kokukhutshwa kweziphumo, kuya kubangela ukuba umviwa asiphinde isifundo siphela.

4.4.2 Apho umviwa angakhange awagqibe amanqaku e-SBA, e-*PAT nawe-Language Oral* yaye kungekho sizathu sivakalayo sinikiweyo, faka u-"444" kwimakhishithi. Umviwa ololu hlobo uya kufumana iziphumo ezingaphelelanga (*incomplete result*) yaye kufuneka asiphinde isifundo sonke kubandakanywa ne-*SBA*, ne-*PAT* ne-*Language Oral* kwiimviwo ezilandelayo. Lo mviwa akavumelekanga ukuba angazibhala iimviwo zokuxabangela ngoFebruwari/Matshi 2018.

4.4.3 **Lonke utshintsho olwenziweyo kwizifundo lungavunywanga ngokusemthethweni luya kuthathwa njengokutenxa (*irregularities*)**. Faka u-"888" kwikholam yamanqaku *("Mark" column*), uze ungenise nezizathu kunye nobungqina (beripoti yesikolo yeBakala 11 okanye yeBakala 12 yeKota 1) ehamba kunye nefom **yesiHlomelo A** ezalisiweyo. Isigqibo siya kuthathwa yiNtloko yeSebe leMfundo malunga neziphumo zomfundi. **Utshintsho kwizifundo alusayi kuvumeleka**.

5. **Umsebenzi oluxanduva lweenqununu ngokumalunga nokuzaliswa kweemakhishithi**

Iinqununu maziqinisekise ukuba bonke abaviwa ababhala uviwo lweSatifikethi seMatriki sikaZwelonke kwizikolo zabo bawanikiwe amanqaku afunekayo e-*SBA*, *e-PAT,* nawe-*Language Oral*. Iinqununu maziyisayine imakhishithi emva kokuba izaliswe ngutitshala, ukuqinisekisa ukuba kuhanjelwana nale ngcaciso imfutshane.

6. **Umsebenzi oluxanduva lwabacebisi bezifundo ngokumalunga nokumodareyithwa kweemakhishithi**

Abacebisi ngezifundo bathatha umsebenzi oluxanduva ngokupheleleyo wokujongana nenkqubo yokumodareyithwa kweekhomponenti ze-*SBA*, ze-*PAT* neze-*Language Oral* kwakunye nokuqinisekisa ukuba kuhanjelwana mbo nemigaqo emalunga nokumodareyithwa, ukuzaliswa kweemakhishithi namanqaku angafakwanga.

7. **Umhla wokubuyiswa kweemakhishithi**

Abaququzeleli bovavanyo mabaqinisekise ukuba iimakhishithi ezizaliswe ngokupheleleyo zifika kwiCandelo loLawulo lweeMviwo ungadlulanga owe-**27 Oktobha 2017**.

8. Kucelwa iinqununu zinike le kopi yale ngcaciso imfutshane aBaququzeleli kunye nootitshala beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-07-31